



Celebrate picture books!

November is International Picture Book Month – a time to celebrate those special books that capture our imagination with their carefully chosen words and beautiful illustrations. Picture books introduce our children to the world of literature. They also play a critical part in their development.

Bhiyozela iincwadi zemifanekiso!

EyeNkanga yiNyanga yeeNcwadi zeMifanekiso yeZizwe ngeZizwe – lixesha lokubhiyozela ezo ncwadi zikhethekileyo nezivuselela umdla nemifanekiso-ntelekelelo yethu ngamagama azo akhethwe ngononophelo kunye nemizobo yazo emihle. Iincwadi zemifanekiso zazisa abantwana bethu kwilizwe loncwadi. Kananjalo zidlala indima ebaluleke kakhulu ekukhuleni kwabo.

PICTURE BOOKS ARE MEANT TO BE READ ALOUD:

- ★ This makes them the perfect reading resource for sharing stories with children.
- ★ We are also able to have conversations with our children about what we are reading.
- ★ We can invite them to comment on the story and ask questions about it. These conversations deepen children's understanding of the story.
- ★ They also help children to learn about the way in which stories and books work.



IINCWADI ZEMIFANEKISO ZENZELWE UKUFUNDWA NGOKUVAKALAYO:

- ★ Oko kuzenza umthombo wokufunda ofanelekileyo wokwabelana nabantwana ngamabali.
- ★ Sikwanethuba lokuncokola nabantwana bethu malunga noko sikufundayo.
- ★ Siyakwazi nokubamema ukuba benze amagqabantshintshi ngebali ze babuze nemibuzo ngalo. Ezi ncoko zenza ukuba ukuqonda kwabantwana ibali kondele.
- ★ Kananjalo zikwanceda abantwana ukuba bafunde malunga nendlela amabali kunye neencwadi ezisebenza ngayo.



PICTURE BOOKS OFFER CHILDREN A LANGUAGE FEAST!

- ★ Through the rhythm and rhyme in many of these books, children experience the sounds of our languages.
- ★ The repetition in them (for example, "I'll huff and I'll puff and I'll blow your house down!") allows children to join in by saying some of the words of the story, even before they are able to read.
- ★ The rich use of language in these books develops and extends children's own use of spoken and written language.



IINCWADI ZEMIFANEKISO ZIHLINZEKA ABANTWANA NGOLWIMI!

- ★ Ngobukho bezicengelezo, isingqi nemvanosiphelo kuninzi lwezi ncwadi, abantwana bahlangana namava aliqela ezandi zeelwimi zethu.
- ★ Uphindaphindo kuzo (umzekelo, "Ndiza kuvuthela, ndivuthele de ndiyiwise vovolo indlu yakho!") luvumela abantwana ukuba bakwazi ukungenelela ngokubiza amanye amagama ebali, nokuba abakakwazi ukuzifundela bona ngokwabo.
- ★ Ukusetyenziswa kolwimi olutyebileyo kwezi ncwadi kuphuhlisa kwaye kwandisa ukusetyenziswa kolwimi oluthethwayo nolubhalwayo ngabantwana.



And then there are the illustrations!

Through the partnership between the words on the page and the pictures, children make sense of what is being read to them and learn to enjoy stories. But they also learn to "read" pictures. They develop the skill of interpreting visual images, and you only have to think about the number of advertisements you see every day to understand what an important life skill that is!



Hayi ke ngemizobo yazo!

Ngentsebenziswano phakathi kwamagama asephepheni kunye nemifanekiso, abantwana bafumana intsingiselo koko bakufundelwayo baze bafunde nokonwabela amabali. Kodwa ke kananjalo, bayakufunda "nokufunda" imifanekiso. Baphuhlisa isakhono sabo sokutolika imifanekiso, kwaye kufuneka nje ucinge ngenani lezibhengezo-ntengiso ozibona yonke imihla ukuze uqonde ukuba sibaluleke kangakanani na esi sakhono!



Drive your
imagination



IT STARTS WITH
A STORY.
KONKE KUQALA
NGEBALI.

Story stars

Picture books that spark imagination!

Georgia Demertzis, the creative director of the Cadbury Dairy Milk #InOurOwnWords initiative, is passionate about combining fascinating stories and artwork into picture books that are a visual feast.

1. What is your take on the role of stories and books in our lives and in society?

Stories, whether spoken, performed or written, are a very important part of human life. They encourage the imagination, broaden our knowledge, and impact our actions and our thoughts.

2. Does it matter that we have books in all of South Africa's languages?

Yes, it matters deeply. The reader should be able to identify with the narrative.

3. What work did you do on the Cadbury Dairy Milk #InOurOwnWords initiative?

My role was to create an "imaginarium" of diverse illustrators with diverse styles and to guide them through the process of creating world-class artwork within a workable schedule. I worked closely with editor Margot Bertelsmann to create a perfect balance between the visual and the written worlds.

4. How important is artwork when producing children's books?

For the younger reader, artwork helps them understand the text. Because the Cadbury Dairy Milk #InOurOwnWords initiative is aimed purely at reading for pleasure, the illustrators could create more fantastical, thought-provoking images for the reader.

5. Did someone read to you or tell you stories when you were a child? Who and in which languages?

I am fortunate enough to have grown up in a multilingual home (English, Greek and Afrikaans). My mother read newspaper articles to my sister and me every afternoon. My father read the bedtime stories. His heavy Greek accent resulted in hilariously mispronounced words and likely spurred me on to learn to read sooner than I would have otherwise. We also listened to a lot of Greek folk music – now *that's* storytelling!

6. Every child should read ...

... books where they can identify with the narrative character.

7. The greatest lesson that I learnt from a book or story was that ...

There are so many. I think maybe the lesson is, the more you read, the more you grow.



Georgia Demertzis

Iimbilasane zamabali

Iincwadi zemifanekiso eziphembelela imifanekiso-ngqondweni!

UGeorgia Demertzis, ongumlawuli onesiphiwo sokuyila ngobugcisa nowongamele iphulo le-Cadbury Dairy Milk #InOurOwnWords, unomdla kakhulu wokudibanisa amabali anomdla nomsebenzi wobugcisa abe ziincwadi zemifanekiso ezisisidlo esibonakalayo.

1. Ucinga ntoni ngendima edlalwa ngamabali neencwadi ebomini bethu nasekuhlaleni?

Amabali, nokuba ngabaliso, adlalwayo okanye abhaliweyo, ayinxalenye ebalulekileyo kubomi babantu. Akhuthaza imifanekiso-ngqondweni, akhulise ulwazi lwethu, aze abe nempembelelo kwizenzo zethu nakwiingcinga zethu.

2. Ingaba kubalulekile ukuba sibe neencwadi ngazo zonke iilwimi zoMzantsi Afrika?

Ewe, kubaluleke kakhulu. Umfundi umelwe kukuba abe nakho ukuzibandakanya nebali.

3. Ingaba wenze msebenzi mni kwiphulo lika-Cadbury Dairy Milk #InOurOwnWords?

Indima yam ibikukudala 'iziko loveliso-ngcinga' labazobi abahlukeneyo, abaneendlela zokwenza ezahlukeneyo nokubakhokela kwinkqubo yokudala umsebenzi wobugcisa okwinqanaba lehlabathi kuludwe lweenkqubo olunokusebenza. Ndasebenzisana kakuhle nomhleli uMargot Bertelsmann ukudala ungqinelwano olugqibeleleyo phakathi kokubonwayo namagama abhaliweyo.

4. Ingaba ibaluleke kangakanani imifanekiso xa usenza iincwadi zabantwana?

Kumfundi omncinane, imifanekiso imnceda ukuba ayiqonde itekisi. Iphulo le-Cadbury Dairy Milk #InOurOwnWords lijolise kuphela ekufundeleni ukuzonwabisa; ngoko ke, abazobi bangadala imifanekiso emangalisayo emcingisa nzulu umfundi.

5. Ingaba ukhona umntu owayekufundela okanye akubalisele amabali ngoku wawusengumntwana? Yayingubani yaye wayekufundela ngaziphi iilwimi?

Ndinethamsanqa kakhulu lokuba ndibe ndakhulela kwikhaya elitheha iilwimi ezininzi (IsiNgesi, IsiGrike, neAfrikansi). Andimkhumbuli umama esifundela amabali mna nodade wethu, kodwa ndiyamkhumbula esifundela amanqaku ephephandaba rhoqo emalanga. Utata wayesifundela amabali xa siyokulala. Ifuthe lesiGrike ekubizeni amagama laba neziphumo ezihlekisayo zobizo kakubi lwamagama kwaza oko kwandikhohelela ekubeni ndiqhubele phambili ekufundeni ukufunda ngokukhawuleza kunokuba ngendandenzile. Ngokunjalo sasiphulaphula kakhulu umculo wohlanga lwamaGrike – oko kukubaliswa kwamabali!

6. Umntwana ngamnye kumelwe ukuba afunde ...

... iincwadi apho anokuzibandakanya nomdlali osebalini.

7. Esona sifundo esibaluleke kakhulu endasifunda encwadini okanye ebalini yayikukuba ...

Zininzi kakhulu. Ndingca ukuba isifundo sesi sokuba ngokuya ufunda, kokuya ukhula.



Did you know?

Our Read-Aloud Story Collection is now available at Ethnikids!



Available in all official South African languages

Ifumaneka ngazo zonke iilwimi ezisemthethweni eMzantsi Afrika

ethnikids
made for me

Ubusazi na?

Ibali lethu lokufunda ngokuvakalayo liyafumaneka ngoku e-Ethnikids!

Order your copy online at www.ethnikids.africa!
Faka ioda yekopi yakho ku-www.ethnikids.africa!



Drive your imagination

The Na'ibali bookshelf



Ishelufa yeencwadi yakwaNa'ibali

The Cadbury Dairy Milk #InOurOwnWords selection

In celebration of International Picture Book Month, here are a few children's picture books by South African writers and illustrators that are available in all South African languages! These beautiful picture books were made possible through a publishing partnership between Na'ibali and Cadbury Dairy Milk.

Ukhetho lwe-Cadbury Dairy Milk #InOurOwnWords


Ukubhiyozela iNyanga yeHlabathi yeNcwadi yemiFanekiso, nazi iincwadi zemifanekiso ezimbalwa zabantwana zababhali nabazobi boMzantsi Afrika ezifumaneka ngazo zonke iilwimi zoMzantsi Afrika! Ezi ncwadi zintle zemifanekiso zenziwa zafumaneka ngobambiswano lopapasho phakathi koNa'ibali noCadbury Dairy Milk.

Phama and the mealie pip

Written by Margot Bertelsmann

Illustrated by Chantelle and Burgen Thorne

This is a classic fairytale that is retold with a cheeky South African flavour – roasted golden mealies with melted butter!



UPhama nokhozi lombona

Ibhalwe nguMargot Bertelsmann

Imizobo nguChantelle kunye noBurgen Thorne



Le yintsomi yakudala ebaliswa kwakhona ngencasa yokuzingca yoMzantsi Afrika – umbona owojiweyo obugolide onebhotolo enyibilikileyo!

Skindo and the python

Written by Robert Muponde

Illustrated by Neil Badenhorst

A dog called Skindo has an owner whose name is Skop Donol. These strange friends go on a quest to find the perfect wife for Skop.



USkindo nenamba

Ibhalwe nguRobert Muponde

Imizobo nguNeil Badenhorst

Inja ebizwa ngokuba nguSkindo inomnini wayo ogama lakhe linguSkop Donol. Aba bahlolo bangaqhelekanga bahamba baya kufunela uSkop umfazi ogqibeleleyo.

Goggles to the rescue

Written by Liz Sparg

Illustrated by Megan Vermaak

What will it take before people stop polluting our rivers and seas with plastic bags and bottles? Do we need an alien from outer space to save our planet?



UGoggles usisindisile

Ibhalwe nguLiz Sparg

Imizobo nguMegan Vermaak


Kuza kufuneka kwenzeke ntoni phambi kokuba abantu bayeke ukungcolisa imilambo yethu namalwandle ngeengxowa zeplastiki neebhotile? Ingaba sidinga usomajukujuku ukusindisa iplanethi yethu?

Karikiriki the witch-tamer

Written by Robert Muponde

Illustrated by Elizabeth Sparg

What would you do if a band of wild witches threw a party in your backyard each night? You would need to find the rat who knows the way to Karikiriki's cave ...



UKarikiriki umlulamisi wamagqwirha

Ibhalwe nguRobert Muponde

Imizobo nguElizabeth Sparg


Ungenza ntoni ukuba iqela lamagqwirha angalawulekiyo libamba itheko emva kwendlu yakho ubusuku ngabunye? Kungafuneka ufumane ibuzi eliyaziyo indlela eya emqolombeni kaKarikiriki ...

Pumzi the pangolin

Written by Liz Sparg

Illustrated by Natalie Hinrichsen

South Africa has many wonderful and unique wild animals. A story that is well written and beautifully illustrated is a wonderful way to learn about them ... before they are stolen.



UPumzi iphangolini

Libhalwe nguLiz Sparg

Imizobo nguNatalie Hinrichsen

UMzantsi Afrika unezilwanyana zasendle ezingummangaliso nezikhethekileyo. Ibali elibhalwe kakuhle laza lanemizobo emihle yindlela emangalisayo yokufunda ngazo ... phambi kokuba zibiwe.

A lucky escape

Written by Baelets Tsatsi

Illustrated by Chantelle and Burgen Thorne

Ole and his classmates visit the caves in uKhahlamba-Drakensberg Park to see the San rock art. There Ole learns a lot about the daily lives of the San, just not in the way he thought he would.



Ukuphuncuka cebetshu

Libhalwe nguBaelets Tsatsi

Imizobo nguChantelle and Burgen Thorne

U-Ole namaqabane akhe aseklasini batyelela imiqolomba i-Ukhahlamba-Drakensberg Park ukuyobona imizobo esematyeni yabaThwa. Apho u-Ole ufunda kakhulu ngobomi bemihla ngemihla babaThwa, kodwa hayi ngendlela ebcinga ngayo.

Visit <https://cadbury.one/library.html> for 41 stories in all official South African languages!

Ndwendwela ku: <https://cadbury.one/library.html> ufumane amabali angama-41 abhalwe ngazo zonke iilwimi ezisemthethweni zoMzantsi Afrika!




Read in your language!

We all have at least one language that we understand and communicate best in, although some of us may have more! People use different labels for this language – like “mother tongue” or “mother language” or “home language” – but it is the language we learnt first. It’s the language we think and feel in, the one in which it is easiest for us to express ourselves and communicate with others.

Here are 4 important reasons why you should try to read good books in your home language to your children.

1. When you read to children regularly in their home language/s, you give them a strong language foundation that makes ALL learning easier.
2. If you don’t understand what you are reading, then you are not really reading – no matter how well you can say the words on the page!
3. Because understanding is at the heart of reading, children need to listen to stories being read in their home language. They can then concentrate completely on the flow of the story instead of struggling to understand a language they don’t know well yet.
4. Good stories are full of creative language that stimulates our imaginations and gets us thinking about how to solve problems. They inspire children to read in their home language and then, later on, to learn to read stories in other languages too.



Funda ngolwimi lwakho!

Sonke sinolwimi esilufundayo olunye ubuncinane nolulolona siluthetha kakuhle, nangona abanye bethu banganeelwimi ezininzi kunoko! Abantu basebenzisa iilebhile ezahlukeneyo kolu lwimi – njengokuba bathi “lulwimi lwebele” okanye “lulwimi lwenkobe” okanye “lulwimi lwasekhaya” – kodwa lulwimi esilufunda kuqala. Lulwimi esicinga ngalo nesivakalelwa ngalo, olona lwimi sikuva kulula ukuvakalisa izimvo zethu ngalo nokunxibelelana ngalo nabanye abantu.

Nazi izizathu ezi-4 ezibalulekileyo zokuba uzame ukufundela abantwana bakho incwadi ezilungileyo ezingolwimi lweni lwasekhaya.

1. Xa ufundela abantwana rhoqo ngolwimi/ngeelwimi zasekhaya, ubanika isiseko esiluhlile solwimi esiya kwenza konke ukufunda kube lula.
2. Ukuba awukuqondi okufundayo, eneneni awufundi – nokuba ungawabiza kakuhle kangakanani na amagama akwelo phepha!
3. Ngoko ke, ngenxa yokuba ukuqonda ngundoqo wokufunda, abantwana kufuneka baphulaphule amabali abawafundelwa ngolwimi lwasekhaya. Baya kukwazi ukuzikisa iingqondo zabo ebumnandini bebalii endaweni yokusokola bezama ukulandela ulwimi abangekwalazi kakuhle.
4. Amabali angawo ngazele bubuciko bolwimi obuvuselela ingqikelelo nemifanekisongqondweni buze busenze sicinge ngeendlela zokusombulula iingxaki. Athi avuselele abantwana ukuba bafunde ngolwimi lweenkobe lwabo, ukuze emva koko, bafunde ukufunda amabali nangezinye iilwimi.

Create **THREE** cut-out-and-keep books


Mnwe

1. Tear off page 7 of this supplement.
2. Fold the sheet in half along the black dotted line.
3. Fold it in half again along the green dotted line to make the book.
4. Cut along the red dotted lines to separate the pages.




Country Mouse and City Mouse

1. Take page 9 of this supplement.
2. Fold the sheet in half along the black dotted line.
3. Fold it in half again along the green dotted line to make the book.
4. Cut along the red dotted lines to separate the pages.



Three friends and a taxi

1. To make this book use pages 5, 6, 11 and 12.
2. Fold the sheets in half along the black dotted line.
3. Fold them in half again along the green dotted line to make the book.
4. Cut along the red dotted lines to separate the pages.



Yenza iincwadi **EZINTATHU** onokuzisika-ze-uzigcine

UMnwe

1. Krazula iphepha 7 lolu hlelo
2. Lisonge phakathi ulandela umgcana ongamachaphaza amnyama.
4. Lisonge phakathi kwakhona ulandela umgcana ongamachaphaza aluhlaza ukwenza incwadi.
5. Sika ke ngoku ulandela imigcane yamachaphaza abomvu ukohlula amaphepha.

UMpuku yeLali noMpuku yeDolophu

1. Thatha iphepha 9 lolu hlelo
2. Lisonge phakathi ulandela umgcana ongamachaphaza amnyama.
3. Lisonge phakathi kwakhona ulandela umgcana ongamachaphaza aluhlaza ukwenza incwadi.
4. Sika ke ngoku ulandela imigcane yamachaphaza abomvu ukohlula amaphepha.

Abahlolob abathathu netekisi

1. Ukwenza le ncwadi sebenzisa amaphepha 5, 6, 11, nele-12.
2. Lisonge phakathi ulandela umgcana ongamachaphaza amnyama.
3. Lisonge phakathi kwakhona ulandela umgcana ongamachaphaza aluhlaza ukwenza incwadi.
4. Sika ke ngoku ulandela imigcane yamachaphaza abomvu ukohlula amaphepha.



Drive your
imagination



Kri-i-kri-i-kri-i VU-U-Mi Nabo besimka.
Yayiluhambo olude, nolunamagxigxigxi. Indlela
yayinyuka iinduli isehlisa neendambo,

Ke-nye-nye-nye VROOM! They drove away.
It was a long, bumpy journey. The road went up hills
and down valleys,



We publish what we like

This is an adapted version of *Three friends and a taxi* published by Jacana Media and available in bookstores and online from www.jacana.co.za. This story is available in the eleven official South African languages. Jacana publishes books for young readers in all eleven official South African languages. To find out more about Jacana titles go to www.jacana.co.za.

Eli libali eliguqulweyo elithi *Abahlobo abathathu netekisi* elishicilelwe yiJacana Media kwaye lifumaneka ezivenkileni zeencwadi nakwi-intanethi ku-www.jacana.co.za. Eli bali lifumaneka ngazo zonke iilwimi ezivunyiweyo ezilishumi elinanye zaseMzantsi Afrika. IJacana ishicilela iincwadi zabafundi abaselula ngazo zonke iilwimi ezivunyiweyo ezilishumi elinanye zaseMzantsi Afrika. Ukuze ufumane iinkcukacha ezigcweleyo ngeetayitile zeJacana yiya ku-www.jacana.co.za.

© Jacana Media (World rights) Tel: 011 628 3200

Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark and embed a culture of reading across South Africa. For more information, visit www.nalibali.org or www.nalibali.mobi



UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa elinjongo yalo ikukuvuselela nokwendiselisa inkcubeko nesithethe sokufunda kuMzantsi Afrika uphela. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-www.nalibali.org okanye ku-www.nalibali.mobi



Drive your
imagination

Three friends and a taxi

Abahlobo abathathu netekisi



Maryanne Bester
Shayle Bester
Karen de Wet



and last came Dog ... What a
big SQUAASH!
ekugqibeleni kwanjena uNjana ...
Tyhini le! UKUXINANA okungaka!

One hot day three friends were standing beside the
dusty road ...

Ngaminazana ithile eyayishushu, abahlobo abathathu
babemi ecaleni kwendlela ezele uthuli ...



over rivers,
through villages,
inqumla imlambo,
idlula ilali,


around
corners,
ijika ezikoleni,



Dog paid too much. That is why, to this day, whenever
Dog sees a taxi coming, he runs into the road, barking
loudly. He is asking for his change.

UNjana yena wahlawula imali eninzi kakhulu.
Kungoko unanamhla oku, naninina uNjana ebona
itekisi isiza, uvele agqotse ukubheka endleleni, ekhala
hawu-hawu. Usoloko ezama ukubuza itshintshi.





Ngenye imini isele laphambukela
kwiKhaya likaMnwe.
“Lo, angabangumfazi ofanelekileyo
wonyana wam,” lacinga isele.


One day a frog wandered into
Mnwe's home.
“She would make a great wife for my
son,” thought the frog.



Frog put little Mnwe on a water lily in the middle of a stream.
When Mnwe woke up and realised she was trapped, she wept.
The fish felt sorry for her.
USele wambeka phezu kwenyibida yaseManzini esazulwini somfula.
Wathi akuvuka uMnwe kwaye eqaphela ukuba uthiyiselwe, walla.
Intlanzi zamsizeela.

UMnwe

Sanelisiwe Maliza
Chantelle Thorne & Burgen Thorne



Mnwe is a short retelling of the classic fairytale, *Thumbelina*. It is about the adventures of a thumb-sized little girl who is stolen from her home.

This story is an adapted version of *Mnwe* published by Cadbury in partnership with Nal'ibali as part of the Cadbury Dairy Milk #InOurOwnWords initiative. This story and 40 other stories are available online. Each story is available in the eleven official South African languages. To find out more about the Cadbury Dairy Milk #InOurOwnWords initiative titles, go to <https://cadbury.one/library.html>.

UMnwe kukubaliswa kwakhona ngokufutshane kwentsomi yakudala, u*Thumbelina*. Umalunga nehambo zodelo-ngozi zentombi encinane engangobhontsi eyebiwe ekhayeni layo.

Eli bali yinguqulelo elungiselelweyo ka*Mnwe* epapashwe nguCadbury ebambisene noNal'ibali njengenxalenye yephulo lika-Cadbury Dairy Milk #InOurOwnWords. Eli bali namanye amabali angama-40 ayafumaneka kwi-intanethi. Ibali ngalinye lifumaneka ngeelwimi ezili-11 ezigunyazisiweyo zoMzantsi Afrika. Ukufumanisa ngakumbi ngezihloko zephulo lika-Cadbury Dairy Milk #InOurOwnWords yiya ku: <https://cadbury.one/library.html>


Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark and embed a culture of reading across South Africa. For more information, visit www.nalibali.org or www.nalibali.mobi



UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa elinjongo yalo ikukuvuselela nokwendiselisa inkcubeko nesithethe sokufunda kuMzantsi Afrika uphela. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-www.nalibali.org okanye ku-www.nalibali.mobi




Drive your
imagination



She had sparkling brown eyes and an afro. The woman named her Mnwe because she was as tall as a thumb. They lived together for many years.

Yayinamlehlo akhazimlayo amdaka ngebala neenwele ezishinyeneyo. Umama lo wayithiya igama lokuba nguMnwe kuba yayilingana nobhontsi. Bahlala kunye iminyaka emininzi.



Once upon a time, there was an old woman who lived all alone in her hut. She was very lonely.

Finally, she went to see a sangoma. “Please help me have a child,” she pleaded.

The sangoma gave her a small, sparkly seed. “Plant this in your yard,” she said.


It bloomed. Inside the flower was a tiny girl.

Kukho umama owayehlala yedwa endlwini yakhe. Wayenesithukuthezi kakhulu.

Wacela igqirha esithi, “Ndicela undincede ndifumane umntwana.”

Igqirha lamnika imbewu. “Yityale egadini yakho.”

Yadubula. Ngaphakathi kwentyatyambo kwakukho intombazana encinci.



Munch! They chewed right through the stem of the lily. Soon Mnwe was free.

She floated down the river. The birds kept her company with their sweet sounds.

When winter came, the swallows said, “Hold on tight. Fly away with us.”

They came to a new land. Mnwe found the flower she wanted to call home. There was a tiny prince between the petals.

They stared at each other. It was love at first sight!

“You will be named Zinhle now, because you are beautiful,” said the flower prince at their wedding.

Bafika elizweni elitsha. UMnwe wafumana intyatyambo awayeza kuyibiza ngokuba likhaya lakhe. Kwakukho inkosana encinci kakhulu phakathi kwalo magqabi.

Bajongana. Bathandana besaqala nje ukubonana!

“Uza kubizwa ngokuba unguZinhle ngoku, kuba umhle,” yatsho inkosana yentyatyambo emtshatweni wabo.





4

5

“Uyasitya,” watshe uMpu ku yelali. “Balekai!”

“UNgqawa yena wenza ntoni?”

izinto zicocokile.”

nathi ngobusi. UNkubabulonngwe ugcina

watshe uMpu ku yelali. “Neenyosi zabelana

“Intaka zabelana nathi ngamaqunube,”

nokirwe-krwe-krwe.

Weva ukurhwashaza nokubhubhuzza

“He eats us,” said Country Mouse. “Run!”

“And what does Caracal do?”

Beetle keeps things clean.”

Mouse. “And bees share honey. Dung

“Birds share berries with us,” said Country

scrape-scrape.

He heard a rustle and a buzz and a scrape-

Country Mouse lived at the base of a broad tree, under a

wide blue sky. “Just listen,” she said.

The first thing City Mouse noticed was the quiet.

Into yokugala uMpu ku yeDolophu awayiqaphelayo yinzolo.

UMpu ku yelali wayehlala kwisikhondo somthi omkhulu,

phantisi kwesibhakabhaka esibanzi

esizuba. “Phulaphula,” watshe.

Country Mouse and City Mouse

UMpu ku yeLali noMpu ku yeDolophu

Jacqui L’Ange
Patrick Latimer

Country Mouse and City Mouse is a short retelling of the classic fairytale with the same name. It is about a country mouse and a city mouse that visit each other’s homes. They each discover that home is the place we know and love best.

This story is an adapted version of *Country Mouse and City Mouse* published by Cadbury in partnership with Nal’ibali as part of the Cadbury Dairy Milk #InOurOwnWords initiative. This story and 40 other stories are available online. Each story is available in the eleven official South African languages. To find out more about the Cadbury Dairy Milk #InOurOwnWords initiative titles, go to <https://cadbury.one/library.html>

UMpu ku yeLali noMpu ku yeDolophu kukubaliswa ngokufutshane kwentsomi yakudala enegama elikwafana neli. Umalunga nempuku yasemaphandleni nempuku yasedolophini ezityelelenayo. Zifumanisa ukuba ikhaya yindawo esiyazi neyona siyithanda kakhulu.

Eli bali yinguqulelo elungiselelweyo ka-UMpu ku yeLali noMpu ku yeDolophu epapashwe nguCadbury ebambisene noNal’ibali njengenxalenye yephulo lika-Cadbury Dairy Milk #InOurOwnWords. Eli bali namanye amabali angama-40 ayafumaneka kwi-intanethi. Ibali ngalinye lifumaneka ngeelwimi ezili-11 ezigunyazisiweyo zoMzantsi Afrika. Ukufumanisa ngakumbi ngezihloko zephulo lika-Cadbury Dairy Milk #InOurOwnWords yiya ku: <https://cadbury.one/library.html>

Nal’ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark and embed a culture of reading across South Africa. For more information, visit www.nalibali.org or www.nalibali.mobi




UNal’ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa elinjongo yalo ikukuvuselela nokwendiselisa inkcubeko nesithethe sokufunda kuMzantsi Afrika uphela. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-www.nalibali.org okanye ku-www.nalibali.mobi



Drive your
imagination

Cadbury
DAIRY
MILK





Country Mouse came to town to get a new pair of glasses. City Mouse met her at the station.

“Welcome, cousin,” he said.

“Nice to see you,” said Country Mouse, although she couldn’t see very much at all.

UMpuku yeLali weza edolophini eze kufumana izipeks ezintsha. UMpuku yeDolophu wamkhawulela esititshini.

“Wamkelekile, mzala,” watsho.

“Kwakhle ukukubona,” watsho uMpuku yeLali nangona wayengaboni kakuhle konke konke.

Country Mouse put on her glasses. “Where are all the trees?” she asked.

Country Mouse coughed. “I want to go home.”

“Nothing ever happens in the country,” City Mouse said.

Country Mouse laughed. “Come see for yourself!”

UMpuku yel’ali wanxiba izipeks zakhe.

“Iyephi yonke imithi?” wabuza.

UMpuku yel’ali wakhohlela. “Ndifuna ukugoduka.”

“Akukho kwanto yenzekayo nje ezilalini,” watsho uMpuku yeDolophu.

UMpuku yel’ali wahlaka. “Yiza uzozibonela!”

UMpuku yel’ali wahlaka. “Yiza uzozibonela!”

UMpuku yel’ali wahlaka. “Yiza uzozibonela!”

UMpuku yel’ali wahlaka. “Yiza uzozibonela!”

That was enough for City Mouse. “I’d rather dodge the traffic than a scary wild cat!”

Country Mouse stayed in her country home, where she enjoyed the peace and quiet. Once in a while she ran an errand in the city.

City Mouse went back to his city apartment. When it got too noisy, even for him, he went to stay with his cousin for a holiday.

It seems we love the places we know best.

Okoko kwaba kwanele kuMpuku yeDolophu. “Kungcono ndiphophe imoto kunekati yasendle eyoyikekayo!”

UMpuku yel’ali wahlala kwikhaya lakhe eliselalini, apho wayonwabele ukuba seluxolweni nenzolo khona. Kanye emva kwexesha elide, wayedla ngokuya edolophini ayokwenza ubuntwana-ntwanana.

UMpuku yeDolophu yena wabuyela kwiflet yakhe esedolophini. Xa ingxolo imongamela, naye buqu, wayehamba ayohlala nomzala wakhe aziphe iholide.

and on towards the sea.
nantso iya kugaleleka elwandle.



Walandela uBhokhwana wa TYHUDISA
naye wangena,

Then Goat SQUASHED in,



Goat paid too little. That is why, to this day, whenever
Goat sees a taxi coming, he runs quickly away from the
road. He does not want to be asked for the money.

UBhokhwana yena wahlawula imali encinci
kakhulu. Kungoko unanamhla oku, naninina
uBhokhwana ebona itekisi isiza, uthi ngqe-e-e, shwaka
ngokukhawuleza kuloo ndlela. Akafuni kubizwa mali.



Sheep,
YayinguGushana,



Goat,
uBhokhwana,



After some time, a taxi stopped for them –
PEEP PEEP. First Sheep climbed in. It
was a bit of a *SQUEEZE*.
Emva kwexesha belindlele gqi itekisi yema
ngxi ecaleni kwabo – *PI-I-P PI-I-P*.
Wakhwela kuqala uGushana. Le tekisi
yayithande UKUXINANA.



and Dog.
noNjana.



They were waiting for a taxi to take them to
the sea.

Babelindele itekisi yokubasa elwandle.



At last the journey was over. The taxi driver asked
for his fare ...
Ekugqibeleni yaphela loo hambo. Umqhubi
wetekisi wacela imali ...

Sheep paid the right fare, exactly. That is why, to this
day, whenever Sheep sees a taxi coming, she is in no
hurry to move out of the road. Her business with
the taxi is finished.

Wahlawula uGushana, imali yakhe yalingana ngqo.
Kungoko unanamhla oku, naninina uGushana ebona
itekisi isiza, akangxami, usuka anya – ntsule anya – ntsule
kuloo ndlela. Yena, ishishini lakhe netekisi liphelile.



Get story active!

Here are some activities for you to try. They are based on all the stories in this edition of the Na'ibali Supplement: *Three friends and a taxi* (pages 5, 6, 11 and 12), *Mnwe* (pages 7 and 8), *Country Mouse and City Mouse* (pages 9 and 10) and *The silver moon monster* (page 14).



Yenza ibali linike umdla!

Nantsi eminye imisebenzi onokuyilinga. Isekelwe kuwo onke amabali kolu shicilelo loHlelo lukaNa'ibali: *Abahlobo abathathu netekisi* (amaphepha 5, 6, 11 nele-12), *UMnwe* (amaphepha 7 elesi-8), *UMpuku yeLali noMpuku yeDolophu* (amaphepha 9 nele-10) kunye neliithi Irhamncwa lenyanga elibusilivere (iphepha 15).

Three friends and a taxi

- ★ Would you have paid exactly the right fare, more than the fare, or less than the fare? Why would you have made this choice?
- ★ What if the taxi driver was asking for a fare that you thought was too high? Would you still have made the same choice? Why or why not?
- ★ Draw a picture of yourself in a taxi with two friends. Label the drawing with the title of the story.



Abahlobo abathathu netekisi

- ★ Unge wawubhatele imali yokukhwela echanekileyo ngqo, ngaphezulu kwemali yokukhwela, okanye ngaphantsi kwemali yokukhwela? Bekuza kuba kutheni ukuze ube ukhethe ngolu hlobo?
- ★ Kwakuza kwenzeka ntoni ukuba umqhubi weteksi wayebize imali owawucinga ukuba ininzi kakhulu? Ingaba ngowawenze isigqibo esifanayo? Kuba kutheni?
- ★ Zoba umfanekiso wakho useteksini nabahlobo ababini. Fakela ilebheli kumzobo ngesihloko sebali.

Mnwe

- ★ Imagine that you were the size of a thumb. People would not always be able to see you! What would you do if you were really small for just one day?

UMnwe

- ★ Yiba nomfanekiso-ngqondweni wokuba ubungangobhontsi. Abantu bebengazukusoloko bekwazi ukukubona. Ubungenza ntoni ukuba ubumncinane nyhani usuku nje olunye?



Country Mouse and City Mouse

- ★ What makes your home different from other homes that you have seen or visited?
- ★ What is your favourite thing about your home?
- ★ Name one thing that you can do to make you like your home more.

UMpuku yeLali noMpuku yeDolophu

- ★ Yintoni eyenza ikhaya lakho lohluka kwamanye amakhaya okhe wawabona okanye wawatyelela?
- ★ Yintoni eyona nto uyithanda kakhulu ngekhaya lakho?
- ★ Xela into ibe nye onokuyenza ukukwenza ulithande ngakumbi ikhaya lakho.



The silver moon monster

- ★ Use toilet rolls, paper, glue, toothpicks and paint or crayons to make a moth. Cut out the shape of the moth's wings, colour them and, when they are dry, glue them to the toilet roll. Paint the toothpicks black and attach them to the moth to create its feelers.



Irhamncwa lenyanga elibusilivere

- ★ Sebenzisa amaqokobhe ephepha langasese, iphepha, iglu, imicinga yokuvungula, nepeyinti okanye iikhrayoni ukwenza iivingane. Sika imilo yamaphiko evivingane, wafakele imibala uze, xa sele omile, uwancamathisele kwiqokobhe lephepha langasese. Peyinta imicinga yokuvungula ibe mnyama uze uyincamathisele kwivingane ukwenza iimpondo.



Drive your
imagination



The silver moon monster

Written by Jenny Robson ■ Illustrated by Samantha van Riet



Flossie, the field mouse, scurried through the grass as fast as her little legs could carry her. "Eish! Eish!" she gasped, "I will never get home in time!"

The sun was already setting. Dark shadows lay all around her. "Eish! Soon it will be night. And then the silver moon monster will be looking for me!"

Flossie was terrified of the moon monster. She often had nightmares about him. But now she couldn't run any further. Her legs were hurting, her chest was aching. She was just too tired. She stopped beside an old tree and crept in amongst its roots. Would she be safe here?

"Good evening!" said a deep voice from somewhere above her.

Flossie looked up and squeaked in fright. Two round eyes were staring down at her. Two gigantic shiny eyes! Flossie's heart beat hard and fast inside her chest. Any creature with such huge eyes must surely be very, very big!

"Who are you?" asked Flossie in a shaky voice. "Are you the moon monster?"

The deep voice laughed a furry laugh. "No, I'm not a monster. I'm just a moth. You can call me Maxwell."

A moth!? Flossie couldn't believe it! What kind of moth had such gigantic eyes? "Are you a giant moth?" she asked

Maxwell laughed his furry laugh again. "Hawu! Those aren't my eyes," he said. "Those shiny circles are just patterns on my wings. Look here!" And Maxwell flapped his wings so that Flossie could see how the shiny round patterns moved: up and down, up and down.

Maxwell scuttled down the side of the tree trunk, closer to the field mouse. It was nice to have someone to talk to. Not many creatures were out and about at night.

"Tell me," he said. "Why were you in such a hurry? I saw you scurrying through the grass as fast as your little legs would go."

"I was trying to get home before dark," said Flossie. "But it's no use now. Night is already here, and my home is still far away." She began to cry little field mouse tears.

Maxwell didn't understand. "But why do you want to be home?" he asked. "Why do you want to be inside now? Hawu! Night is the loveliest time of all. You can watch the moon rise above the hills. You can see the grass turn silver. You can hear the wind whisper through the leaves."

Flossie shook her head. "No, no! Night is a terrible time. Night is when the silver moon monster comes out and goes hunting."



"The silver moon monster? Never heard of him!" Maxwell said.

So Flossie explained: the silver moon monster flew on silver wings that stretched out wider than a tree. He flew out from the light of the moon, his dark shadow sweeping along the ground. He flew in terrible silence; searching, searching for little mice. And then he grabbed them with his sharp talons and carried them away into the darkness – forever!

Maxwell shook his head and let out another deep, furry laugh. "Hawu! That's not a monster! That's just an owl. He's not silver at all; he's just a dull brown colour. Who's scared of a boring old owl?"

"Eish! Don't say that!" squeaked Flossie in alarm. "Maybe the silver moon monster hunts for moths as well!"

"Ha!" said Maxwell confidently. "I'd like to see him try!"

Just then, something moved in the air above them. Flossie looked up to see a huge silver shape flying down from the light of the moon. Two huge silver wings spread wide, casting a dark shadow across the tree roots.

Flossie was too terrified to move. She closed her little eyes tightly as the whooshing sound came closer ... and closer. She knew what was going to happen next. All her most terrible nightmares were about to come true.

Suddenly there was a loud, ugly screech, then a flurry of huge wings. And then silence.

"You can open your eyes now," said Maxwell.

Flossie opened her eyes to see the owl disappearing over the treetops.



"What happened?" she asked in amazement. "Why did the moon monster fly away?"

Maxwell was very pleased with himself. "It's the patterns on my wings. The owl thought they were eyes – just like you did. And just like you, he thought anyone with such gigantic eyes must be a huge creature. He got quite a fright, let me tell you! Did you hear how he screeched?"

"How clever!" said Flossie.

"Yes, I am, aren't I?" agreed Maxwell. "Now you just sleep here close to me. You'll be safe until sunrise."

So Flossie snuggled up amongst the roots of the tree. Soon she was fast asleep. And she didn't dream about the silver moon monster at all. Not once.



Drive your
imagination



Irhamncwa lenyanga elibusilivere

Libali likaJenny Robson Imifanekiso izotywe nguSamantha van Riet



UFlossie, impuku yedobo, wabaleka engceni ngokukhawuleza kangangoko imilenzana yakhe yayinokumthwala. “Yho! Yho!” wakhefuzela, “Andisayi kufika kwangethuba ekhaya!”

Ilanga laliselitshona. Amathunzi obumnyama ayemngqongile. “Yho! Kamsinya kuza kuba sebusuku. Yabe irhamncwa lenyanga ebusilivere liza kuba lindikhangelale!”

UFlossie wayeloyika irhamncwa lenyanga. Wayesoloko ephupha kakubi ngalo. Kodwa ngoku wayengasenakuqhubeka abaleke. Imilenze yakhe yayibuhlungu, isifuba sakhe sitshisa. Wayediniwe nje kakhulu. Wema kufutshane nomthi omdala waza warhubuluza wangena phakathi kweengcambu zawo. Ingaba wayeza kukhuseleka apha?

“Molo!” latsho ilizwi elingqokolayo livela ngasentla kwakhe.

UFlossie wajonga phezulu waza wakhala esoyika. Amehlo angqukuva amabini ayemjongele ezantsi. Amehlo amakhulu kakhulu akhazimlayo! Intliziyo kaFlossie yabetha ngamandla yangongoza esifubeni sakhe. Nasiphi na isidalwa esinamehlo amakhulu kangako sinokuba ngokuqinisekileyo sikhulu, kakhulu!

“Ungubani?” wabuza uFlossie ngelizwi elingcangcazelayo. “Ingaba ulirhamncwa lenyanga?”

Ilizwi elingqokolayo lahleka intsini yobulwanyana “Hayi andililo irhamncwa. Ndilivingane nje. Ungandibiza ngoMaxwell.”

Ilivingane!? UFlossie zange akholelwe! Luhlobo luni lwevivingane olunamehlo amakhulu kangako? “Ingaba ulivingane elikhulu?” wabuza.

UMaxwell wahleka kwakhona intsini yakhe yobulwanyana. “Hayi bo! Asingomehlo am lawo,” watsho. “Ezo zangqa zikhazimlayo ziipateni nje ezisemaphikweni am. Jonga apha!” Waza uMaxwell waqhweba amaphiko akhe ukuze uFlossie abone indlela iipateni ezikhazimlayo ezazishukuma ngayo: phezulu nasezantsi, phezulu nasezantsi.

UMaxwell wehla ecaleni ngesikhondo somthi, kufutshane nempuku yedobo. Kwakumnandi ukuba nomntu wokuncokola. Zazingezininzanga izidalwa ezazihambahamba ebusuku.

“Khawutsho,” watsho. “Ubungxamele ntoni kangaka? Ndikubonile ubaleka engceni ngokukhawuleza kangangoko imilenzana yakho ibinokuhamba.”

“Bendizama ukuyokufika ekhaya phambi kokuba kuhlwe,” watsho uFlossie. “Kodwa akusancedi nto ngoku. Ubusuku sebufikile, yaye ikhaya lam lisekude kakhulu.” Waqalisa ukulila iinyembezi zempukwana yedobo.

UMaxwell zange aqonde. “Kodwa kutheni ufuna ukuba sekhaya?” wabuza. “Kutheni ufuna ukuba ngaphakathi ngoku? Hayi bo! Ubusuku lelona xesha lihle ngaphezu kwawo onke. Ungabukela inyanga iphuma ngaphezu kweenduli. Ungabona ingca ijika isiba busilivere. Ungeva umoya usebeza emagqabini.”

UFlossie wanikina intloko. “Hayi, hayi! Ubusuku lixesha eloyikekayo. Ubusuku



kuxa irhamncwa lenyanga elibusilivere liphuma liyokuzingela.”

“Irhamncwa lenyanga elibusilivere? Zange ndive ngalo!” watsho uMaxwell.

Ngoko ke uFlossie wacacisa: irhamncwa lenyanga elibusilivere lalibhabha ngamaphiko abusilivere liwatweze abe makhulu ngaphezu komthi. Lalibhabha lisuka ekukhanyeni kwenyanga, isithunzi salo esimnyama sirhuqa emhlabeni. Lalibhabha ngokuzola okoyikekayo; likhangela, likhangela iimpuku ezincinane. Lize lizixhakamfule ngeenzipho zalo ezibukhali lize lizithwale limke nazo liyokutshona ebumnyameni – ngonaphakade!

UMaxwell wanikina intloko waza watsho ngesiqhazolo sentsini yakhe, engqokolayo yobulwanyana. “Hayi bo! Asilorhamncwa elo! Sisikhova nje. Asikho busilivere kwaphela; singumbala nje omdaka ombatshileyo. Ngubani owoyika isikhova esidala esidikayo?”

“Hayi bo! Sukuthetha loo nto!” wakhala uFlossie othukile. “Mhlawumbi irhamncwa lenyanga elibusilivere lizingelana namavivingane ngokunjalo!”

“Heee!” watsho uMaxwell ngokuzithemba. “Ndingathanda ukulibona lilinga!”

Kanye ngelo xesha, kwabakho into eyashukuma ngaphezu kwabo. UFlossie wajonga phezulu wabona imilo enkulu ebusilivere ibhabha isihla ivela ekukhanyeni kwenyanga. Amaphiko amakhulu abusilivere atwezeka kakhulu, eshiya isithunzi esimnyama kwiingcambu zomthi.

UFlossie wayesoyika kakhulu ukuba angashukuma. Wawavala amehlwana akhe wawaqinisa njengoko isandi esinengxolokazi sasisondele ... ngokusondele. Wayeyazi into eyayiza kulandela. Onke amaphupha akhe oyikisayo ayeza kuzalisekiseka.

Ngesaquphe kwabakho isandi esihlabayo esikhulu, esibi, kwalandela ukubhabha kwamaphiko amakhulu. Kwaza kwathi cvaka.

“Ungawavula amehlo akho ngoku,” watsho uMaxwell.

UFlossie wavula amehlo akhe waze wabona isikhova sitshonela ngaphaya kwemithi.



“Kwenzeke ntoni?” wabuza emangalisiwe. “Kutheni irhamncwa lenyanga libhabhe lemka?”

UMaxwell wayeziva ekholiseke kakhulu. Ziipateni emaphikweni am. Isikhova sicinge ukuba ngamehlo – kanye njengohlobo ubucinga ngalo nawe. Yaye ngokufana nawe, ucinge ukuba nabani na onamehlo amakhulu kangaka umelwe kukuba usidalwa esikhulu. Woyike kakhulu, ndiyakuxelela! Umvile esitsho ngesandi esihlabayo?”

“Okungaka ukuhlakanipha!” watsho uFlossie.

“Ewe, ndinjalo, akunjalo?” wavuma uMaxwell. “Ngoku lala nje apha ecaleni kwam. Uza kukhuseleka kude kuphume ilanga.”

Ngoko ke uFlossie waziqhusheka phakathi kweengcambu zomthi. Ngokukhawuleza wayesele elele cum. Yaye zange aphuphe ngarhamncwa lenyanga elibusilivere. Nakanye.



Drive your imagination



1.

The pictures below are from the story, *Three friends and a taxi*. Read the story again, and put the pictures in the correct order. Write the number of the picture in the circle at the top.

Imifanekiso engezantsi isuka ebalini elisihloko sithi, *Abahlobo abathathu netekisi*. Lifunde kwakhona ibali, uze ubeke imifanekiso ngokulandelelana kwayo. Bhala inani lomfanekiso kwisangqa esiphezulu.



2.

Find the things in the list below in the picture.

Khangela izinto eziseluhlwini olungezantsi emfanekisweni.

A bag of marbles

A spade

A biscuit

A helicopter

A jar of red paint

A dog

A small plate

A gecko

Two paint brushes

A picture of a tomato

Ingxowa yamabhastile

Umlakulo

Ibhisikithi

Ihelikopta

Itoti yepheyinti ebomvu

Inja

Ipleyiti encinci

Icilikishe

Iibrashi ezimbini zokupeyinta

Umfanekiso wetumato



Nal'ibali is here to motivate and support you. Contact us in any of these ways:

AbakwaNal'ibali bakhona ukuze bakunike inkuthazo nenkxaso. Qhagamshelana nathi nangayiphi na enye kwezi ndlela zilandelayo:

www.nalibali.org

www.nalibali.mobi

[nalibaliSA](https://www.facebook.com/nalibaliSA)

[@nalibaliSA](https://twitter.com/nalibaliSA)

[@nalibaliSA](https://www.instagram.com/nalibaliSA)

info@nalibali.org

Produced by The Nal'ibali Trust. Translation by Sindiswa Mbokodi. Nal'ibali character illustrations by Rico.

RISING SUN

PROTEA

RECORD

UMLAZI
EYETHU

Bonus

LENTSWE
THE VOICE OF MATLORANA

RIDGE TIMES



Drive your
imagination